# Senza ingeniso esikolweni

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Qwalasela umfanekiso ongezantsi. Inokuba kuza kwenzeka ntoni kweli bali?
2. Ngokwazi kwakho yintoni ixabiso?



EXTRACT PAGES

Thenga apha! Amaxabiso aphantsi! Yimini yokuthengisa esikolweni. Sibona iikeyiki namaqebengwana ezitafileni.

Kuxakekwe kwenziwa ntoni esikolweni?



EXTRACT PAGES

Simele ukuthenga. Kukho iindidindidi. Siyazibawela zonke. Amaxabiso aphantsi!

Yintoni ebangela babawele zonke izinto ezithengiswayo?




Thina sithenge ezi. Sithenge iiswiti ezinemibalabala. Ezi switi zinetshokolethi ngaphakathi.



Kuthetha  ukuthini ukuthi: ezimabalabala?



EXTRACT PAGES

Thina sithenge lana. Sithenge amaqebengwana amnandi. Amaqebengwana anekhrim epinki.

Uthini umbala wekhrim wamaqebengwane abawathengileyo?



EXTRACT PAGES

Thina sithenge lana. Sithenge amaqebengwana amnandi. Sithenge amaqebengwana anekhrim eluhlaza.

Amaqebengwane amnandi. Ewe okanye Hayi?



EXTRACT PAGES

Zimnandi zonke. "Masiyokuthenga amaqebengwana. Wena thenga iqebengwane eliluhlaza. Mna ndiza kuthenga elipinki," utshilo uLisa.

ULisa nomhlobo wakhe bathenge eyiphi imibala?



EXTRACT PAGES

Ziphelile zonke. Sibala ingeniso. Senze imali ebonakalayo.

Babale ntoni emva kokuba ziphelile zonke?

# Yimini yekonsathi

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Funda isihloko sebali. Ucinga ukuba ibali liza kuthetha ngantoni?
2. Ucinga ukuba yintoni ikonsathi?




EXTRACT PAGES

Yimini yekonsathi, senza amalungiselelo. Iqela likaFatima licula kamnandi.

Licula njani iqela likaFatima?